Isalathiso: 20210927-6173
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: CA Berry

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0013/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko alungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, ezeSatifikethi seMatriki kunye neze-*Adult Education and Training Level 4*

Isihloko: Imimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu ekunokungenwa kuyo/zegumbi elinqatyisiweyo

1. Ukulungiselela iimviwo zeSatifikethi seMatriki (SC) neze-*Adult Education and Training Level 4* zangoNovemba 2021, iinqununu nabaphathi bamaziko okubhalela iimviwo bayakhunjuzwa ukuba baphumeze umgaqo-nkqubo omalunga nemimiselo nemigangatho yokusetyenziswa kweesefu/kwamagumbi anqatyisiweyo esikolo nokuphathwa ngokungqongqo kwezitshixo zesefu/ zegumbi elinqatyisiweyo lesikolo.

2. Umgaqo-nkqubo osemthethweni ongemimiselo nemigangatho yokusetyenziswa kweesefu/kwamagumbi anqatyisiweyo nokuphathwa kwezitshixo kwigumbi elinqatyisiweyo, oqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**, wafakelwa izilungiso ngo-2020 waza wathunyelwa kuzo zonke izikolo ngoSeptemba 2020.

3. ISebe leMfundo esiSiseko neSebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) liya kuphinda kwakhona lihlole yaye libeke esweni amaziko karhulumente nazimeleyo ekubhalelwa kuwo iimviwo ngexesha lokuqhutywa kweemviwo zeNSC, ezeSC neze-AET L4 zangoNovemba/Disemba 2021, ukuvavanya ukulungela kwazo ukusingatha, ukuqhuba nokulawula iimviwo zikazwelonke.

4. Ukwenzela ukuba onke amaziko okubhalela iimviwo kwizikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo ayilandele ngqo imigaqo nemimiselo yokubhalwa kweemviwo, apha kuqhotyoshelwe ikopi nezihlomelo zomgaqo-nkqubo wemimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu.

5. Umzekelo werejista yokurekhoda ukufikelela kwisefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo, iqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo 1.**

6. Ipowusta ebonakalisa iingongoma ezingundoqo kwimimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu iqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo 2**. Le powusta, mayixhonywe elucangweni lwesefu ekunokungenwa kuyo/lwegumbi elinqatyisiweyo lesikolo. Ikhontenti yepowusta kwakhona mayichazelwe abagadi babaviwa abachaphazelekayo kulawulo nokubhaliswa koviwo.

7. Iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo mabafunde lo mgaqo-nkqubo yaye mabazise ngokuqulethwe kuwo bonke abasebenzi ukuze bawuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-09-29